## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamacandelo amaTHATHU:

   ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda
   ICANDELO B: Isishwankathelo
   ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

2. Fundisisa YONKE imibuzo kakuhle.

3. Cinga, uqiqe phambi kokuba ubhale.

4. Phendula YONKE imibuzo ngesiXhosa.

5. Sebenzisa amagama amkelekileyo olwimi xa uphendula.

6. Bhala ngokucacileyo, nangokucocekileyo.

7. Nombola imibuzo yakho kanye ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qiniseka ukuba uwaphendule omaTHATHU amacandelo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1: ISICATSHULWA

Funda isicatshulwa esingezantsi, uze uphendule imibuzo elandelayo:

### INENENEKAZI ELIZIMISELE UKUGQWESA



1 UThuso Mbedu oneminyaka engamashumi amabini anesihlanu uncokola kunye noFundiswa Nkwanyana ngomsebenzi wakhe wokulinganisa ophuma phambili, nangohambo lwakhe lokuzazi ukuba ungubani.

2 UThuso umxelele ukuba uye wadibana neenzingo zobomi eseneminyaka emine ngexesha kubhubha umama wakhe uSibongile. Waye wahlala nomakhulu wakhe uThokozile Mbedu oye waba liqhawekazi lakhe ngokuzama ukuvala isikhewu sikamama wakhe. UThuso ebengafunanga kuba luxanduxa kumakhulu wakhe iphupha lakhe ibikukugqwesa kwinto yonke. UThuso uthi impumelelo yakhe kwimfundo yenziwa kukuzimisela nokuqininisekisa ukuba uhlala efumana amanqaku amahle. Ngexesha eseYunivesithi waye wafumana iibhasari eziliqela, eziquka ne-E J A Lourincs ngo – 2011 kunye neNew York University Summer Programme ngo – 2012. Unesidanga seehonours kwiYunivesithi yaseWits. Umakhulu naye uye wasweleka phambi kokuba avele okokuqala kumdlalo othi Saints and Sinners. Eli nenekazi lithi kuye kwamomeleza ukumelana neentlungu esemncinane.

3 Eli nenekazi licebisa ulutsha ukuba lulandele ikhondo lolutsha luka – 1976 kwaye lusebenze nzima ukuphumeza amaphupha alo. Emva kokufumana kwakhe isidanga zange azihoye iitshomi zakhe ezazimxelela ukuba kunzima ukufumana umsebenzi wokulinganisa. Wahlala ngethemba, kwaye ukuzithemba kwakhe kwamnceda ukuba afumane indima ephambili kwi – audition yakhe yesibini. Indima yakhe yokuqala kaBoni Khumalo yaveza isakhono esigqwesileyo, kwaye oku kwamzisela ezinye iindima zakhe ezingalibalekiyo nguKitso Medupe kuScandall, uWinnie ku-Isithunzi noIpeleng Matube kuMTV Shuga. Kodwa ke uthi ukusoloko udlala indima zamantombazana aselula **kuyamkruqula** kuba uhlawulwa kancinci kunabanye. Ukukruquka kwakhe kumenze wafunda ngecala loshishino lokulinganisa kungokunje unomdlalo awubhalayo kwaye unethemba lokuwuvelisa ukuze angenise enye imali.

4 Iinzingo zobomi zamenza waqina emoyeni kuba kumele akhusele intliziyo yakhe. UThuso uyazamkela izinto amhle kuzo nezo asilela kuzo kwiphulo lakhe lokuzama ukuziqonda nokuqonda indima yakhe njengebhinqa eliselula. Ukufunda incwadi yakhe ende nokubhala kwidayari zezinye zezinto azenzayo ukuhlola ubomi bakhe.

[Sicatshulwe kwi*BONA* yeSilimela, 2017 saze sahlelwa]

1.1 Jonga kumhlathi -1
Yintoni umsebenzi kaThuso Mbedu? (1)

1.2 Jonga kumhlathi – 2
Chaza izinto zibe mbini ezimbi ezehlela uThuso? (2)

1.3 Yinyani / asiyonyani ezi zinto zimbi zamehlelayo zaye zambulala naye.
Xhasa impendulo yakho. (2)

1.4 Xa ubunguThuso wehlelwe zezi zinto zamehlelayo,wawunokuthini? (2)

1.5 Chaza into ibe nye athi yamnceda uThuso ukuze aphumelele izifundo zakhe. (1)

1.6 Jonga kumhlathi we -3
Ufunde kweyiphi iYunivesithi uThuso? (1)

1.7 Yintoni le yenziwa lulutsha luka-1976? (2)

1.8 Ngamanye amaxesha iitshomi ziye zisityhafise kumaphupha esinawo.
Ngqina oku ngokwenziwa ngabahlobo bakaThuso. (1)

1.9 Xela umdlalo ube mnye awaphinda wasebenza kuwo uThuso. (1)

1.10 Nika isifanokuthi segama elibhalwe ngqindilili: **Kuyamkruqula** (1)

1.11 Jonga kumhlathi -4
Nika intsingiselo yeli binzana libhalwe ngqindilili
Ukufunda incwadi **emva kwemini ebinde** nokubhala idayari ... (2)

1.12 Ufunde ntoni kweli bali likaThuso? (2)
**[18]**

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.



1.13 Ubona ntoni kulo mfanekiso? (1)

1.14 Ngokwenkangeleko ungathi aba bantu bavakalelwa njani? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.15 Ezi zicatshulwa zibini zifana ngantoni? (2)

1.16 Sahluke ngantoni isicatshulwa A kwisicatshulwa B. (2)
**[7]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 25**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda ngocoselelo esi sicatshulwa singezantsi, kwesi sicatshulwa kuthethwa **ngenggqeqesho ehlala iminyaka.**

QAPHELA: Kulindeleke ukuba wenze oku kulandelayo:

- Shwankathela ngawakho amazwi kodwa ungawutshintshi umxholo.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama- 70-80
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Bhala inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**INGQEQESHO EHLALA IMINYAKA**

1 Umntwana onembeko liphupha laye nawuphi umzali. Ewe ke abantwana baye bayophule imithetho xa bekhula. Leyo ke yindlela yokuvavanya imida yabo nokuzama ukuzifumana ukuba bangoobani. Kuluxanduxa lomzali ukumnika ukuzithemba nokuziqonda ukuze akwenze oko umntwana ngaphandle kokungena engxakini.

2 Abazali baye basebenzise iqhinga ngokuthi babanyobe abantwana xa befuna ukuba benze into umzekelo ukutya imifuno. Iingcali zobuzali ziyalumkisa ngezinyobo. Ekuqaleni abantwana baye bakuvuyele oku, kwaye benze nantoni na ukuze bazuze abakuthenjisiweyo. Ekuhambeni kwexesha baye bangafuni ukwenza de banikwe isinyobo, utsho uKoashifa King, ongumcebisi ngobuzali eTheatre Centre eKapa.

3 Akhona ke amaxesha okusebenzisa isinyobo kuba ufuna enze okulungileyo kusebenze. Kodwa kumele kwenziwe ngendlela, Nanga amacebo ayo: Yicacise ngqo le nto ufuna yenziwe ngumntwana. Imbuyekezo akunyanzelekanga ukuba ibe yimali. Isenokuba yinto nje encinci efana neestickers, ukuhamba nomntwana wakho ngeenyawo nokumbukelisa umdlalo awuthandayo.

4 Ungaze uyoxuthe imbuyekezo ukuba umntwana akenzi okuhle. Mvuze rhoqo xa esenza okuhle. Musa ukumvuza kube kanye uze ulibale ukuqhubekeka. Ekuhambeni kwexesha umntwana uza kuqalisa okulungileyo rhoqo. Xa esenza njalo lelona xesha ongayiyeka ngalo le nkqubo yembuyekezo.

5 Uswazi aluyiyo impendulo xa umntwana engenzi kakuhle. Uphando luthi ukumbetha umntwana kumenza umntwana abe neengcwangu, angeva kwaye angabathandi abantu ingakumbi xa sele emdala. Kwakhona iye imenze abe ngumntu obethayo ebantwaneni bakhe nakwiqabane lakhe. Le nto ithetha ukuba ukumbetha kumenza oyele esenza okubi nangakumbi xa ekhula.

6 Xa kusiziwa kubuzali noqeqesho, eyona njongo iphambili kukuba wakhe ubudlelane bentlonipho banaphakade nabantwana bakho. Umzali kumele ayinanze iminyaka yomntwana nokukhula kwakhe. Ubuzali obulungileyo mabube phambili, ingakumbi xa engamameli umntwana.

[Sicatshulwe kwi*Bona* magazini kaJulayi 2017 saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B (10÷2): 5**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA IKHATHUNI

**Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo**




[Icatshulwe kwiSolezwe lesiXhosa, izotywe nguMfuraz]

3.1 Yintoni le iqwalaselwe sesi sibini sithetha apha? (1)

3.2 Kutheni la magama ebhalwe ngefonti enkulu?

**KUBULELWE OMNYE UMNTWANA** (1)

3.3 Izikhuzo ezisetyenzisiweyo kwezi ntetho zezi zithethi zibonakalisa ntoni?. (2)

3.4 Inkangeleko nezandla zezi zithethi zibonakalisa:

A ukothuka nokuvuya
B ukothuka nokubaleka
C ukothuka nokonwaba
D ukothuka nokukhathazeka (1)

3.5 Uyavumelana nalo mntu uthi ‘isigwebo sentambo masibuye’. Xhasa impendulo yakho. (2)

3.6 Ucinga ukuba sithini isizathu sokuba abanye abantu abakule khathuni benziwe ababonakala ? (2)

3.7 Leliphi ilungelo labantwana elinyhashwayo apha? (2)

3.8 Le khathuni iphume kweliphi iphephandaba? (1)

3.9 Ngubani umbhali wale khathuni? (1)

**[13]**

**UMBUZO 4**

Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**UBOMI BOKUDANISA**

UMahlatse oneminyaka eyi-21usibalisela ngothando lwakhe lomdaniso we-Ballet, nangendlela asebenza nzima ngayo ukuze agqwese. Kwandwendwela umdanisi weBallet kwisikolo sakhe esikwilokishi yase-Alexandra waze wababonisa obo bugcisa.Wabhalisela iklasi yayo wakhuthazeka ukwenza into engaqhelekanga. Ekuqaleni ekhaya babengayiqondi kakuhle le nto ye-ballet nasekuhlaleni babekholelwa ukuba ngamantombazana odwa anxiba oothayithi. Nangona kunjalo waye wakhula umdla wakhe wokufuna ukugqwesa kulo mdaniso. “Ndichitha lonke ixesha lam namandla am kwiballet,” utsho uMahlatse. Ukuzijula ijacu kwatshintsha ubomi bakhe kuba ngoku kwamvulela amathuba amaninzi. Kutsha nje ebeyinkosana kwibali likaCinderella.

[Ithathwe kwi-*BONA MAGAZINI* KAJUNI 2017 saze sahlelwa]

4.1 Bhala elinani u- 21 ngesiXhosa. (2)

4.2 Nika isichasi segama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo.

... nangendlela asebenza **nzima** ngayo ukuze agqwese. (1)

4.3 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwingxelo- ntetho.

“Ndichitha lonke ixesha lam namandla kwiBallet,” utsho uMahlatse. (3)

4.4 4.4.1 Kwesi sibizo **umdaniso** fakela esinye isimaphambili (1)

4.4.2 Xela ihlelo lesibizo esinesiphambili osifakeleyo (1)

4.4.3 Hlahlela isibizo umdaniso ukhuphe iceba, isisekelo, ingcambu nesigqibelo. (4)

4.5 Bhala esi sivakalisi sibe kwixesha langoku

Wabhalisela iklasi yayo**.** (1)

4.6 Xela ukuba esi simamva sinomgca ngaphantsi sibonisa ntoni.

Kutsha nje ebeyinkos<u>ana</u> kwibali likaCinderella (1)

**[14]**

**UMBUZO 5**

Tshatisa la macala mabini ngokuthi ubhale kuphela unobumba ecaleni kwenombolo nganye yombuzo: umzekelo 5.1 B

| A | | B | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | Kwandwendwela umdanisi kwisisikolo sase-Alexandria | A | Isihlomelo sobunjani |
| 5.2 | Babengayiqondi kakuhle | B | Isimelabizo soquko |
| 5.3 | Kwamvulela amathuba amaninzi. | C | Isenzi |
| 5.4 | Ngamantombazana odwa anxiba oothayithi | D | Isimnini |
| 5.5 | Babengayiqondi ekhaya | E | Isiphawuli |

(5 x 1) **[5]**

**UMBUZO 6**

6.1 Bhala esi sivakalisi sibe kwimo evumayo

Ekhaya babengayiqondi kakuhle le nto. (1)

6.2 Xela isizathu sokuba esi sibizo sibhalwe ngqindilili singahambi neceba laso

... kakuhle le **nto** (2)

6.3 Nika intsingiselo yesi saci

Ukuzijula ijacu (2)

6.4 Lungisa iziphene kule ntetho ingezantsi

abantu mabangenzi inhlekisa ngabantu ngeloxesha banezabo izinto. (3)
**[8]**

**AMANQAKU ECANDELO C(40 ÷2): 20**
**AMANQAKU EWONKE: 50**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha